

It starts with a story...

## 10 reasons to use picture books

November is International Picture Book Month – a time to celebrate those special books that capture our imagination with their carefully chosen words and beautiful illustrations. Here are ten reasons to make picture books part of your children's reading life!



## Izizathu ezi-10 zokusebenzisa iincwadi zemifanekiso

EyeNkanga yiNyanga yeZizwe ngeZizwe yeeNcwadi zeMifanekiso – ixesha lokubhiyozela ezo ncwadi zikhethekileyo nezithabathekisayo ngokubhekiselele kwimifanekiso-ntelekelelo yethu nezinaloo magama azo akhethwe ngenzondelelo nezizotyelwe eyona mifanekiso mihle. Nazi izizathu ezilishumi zokwenza iincwadi zemifanekiso zibe yinxalenye yobomi bokufunda babantwana bakho!

- 1. Essential resources.** Picture books are meant to be read aloud, so this makes them the perfect reading resource for sharing stories with children.
- 2. Learning how stories work.** As we read picture books to children, we can invite them to comment on the story and ask questions about it. This deepens their understanding of the story and also helps them to learn about the way in which stories and books work. This knowledge makes learning to read easier.
- 3. Talk about the book.** Reading a picture book together encourages conversations about what's happening in the story, what the characters are feeling, the meanings of words, and how what's happening in the story might relate to your children.
- 4. Developing children's language.** Picture books offer children a language feast! Through the rhythm and rhyme in many of these books, children experience the sounds of our languages. And, because picture books use fewer words than novels, the words that are chosen and how they are used, is very important. So, the rich use of language in these books develops and extends children's own use of language.
- 5. An invitation to join in.** The repetition of sentences or phrases in some picture books, allows children to join in by saying those words of the story, even before they are able to actually read them.
- 6. Learning about picture clues.** As you read picture books to children, they learn that the pictures help to tell the story and give clues to what the words are. Understanding this is essential to learning to read.
- 7. Reading pictures.** In a picture book, the illustrations are as important as the text. Reading a picture book means exploring the art in it as well. This gives children practice at interpreting pictures.
- 8. Developing empathy.** Picture books help children to learn how to step into someone else's shoes and to see life from a different perspective. Developing the ability to do this takes lots of practice, and picture books provide a place to start the process.
- 9. Safe spaces to explore.** Picture books often explore challenging questions or topics. They offer their readers opportunities to find their own answers to difficult questions, such as, "What is love?" and "Are there situations where it's okay not to tell the truth?"
- 10. Messages about reading.** In a world where everyone is always busy, the fact that an adult takes the time to read a picture book to you sends a message to children that reading is important. And, when the adult enjoys reading to you, you also learn that reading is fun. These two messages motivate children to want to learn to read for themselves.


- 1. Imithombo ebalulekileyo.** Iincwadi zemifanekiso zimele ukufundwa ngokuvakalayo, oko ke kuzenza zibe yeyona mithombo igqibeleleyo yokwabelana ngamabali nabantwana.
- 2. Ukufunda indlela asebenza ngayo amabali.** Xa sifundela abantwana iincwadi zemifanekiso, singabamema ukuba benze amagqabantshintshi ngebali bandule ukubuza imibuzo ngalo. Oku kwenza baliqonde nzulu ibali kwaye kubanceda ukuba bafunde ngendlela amabali neencwadi ezisebenza ngayo. Olu lwazi lwenza ukufunda ukufunda kube lula.
- 3. Ukuncokola ngencwadi.** Ukufunda kunye incwadi yemifanekiso kukhuthaza incoko ngoko kwenzekayo ebalini, iimvakalelo zabalinganiswa, iintsingiselo zamagama, kunye nokunxulumana kweziganeko zebali nobomi babantwana bakho.
- 4. Ukuphuhlisa ulwimi lwabantwana.** Iincwadi zemifanekiso zinika abantwana ithuba lokungcamla kubuncwane bolwimi! Abantwana bafumana amava okusetyenziswa kwezandi zeelwimi zethu navezwa sisingqi, uphindaphindo kunye nemvanosiphelo ezikuninzi lwezi ncwadi. Kwaye, ngenxa yokuba iincwadi zemifanekiso zisebenzisa amagama ambalwa kuneenoveli, ibaluleke kakhulu indlela akhethwe naseyenziswe ngayo loo magama. Ngoko ke, indlela ulwimi olutyebileyo olusetyenziswe ngayo kwezi ncwadi iphuhlisa ze yandise indlela abantwana abalusebenzisa ngayo olwabo ulwimi.
- 5. Ukumema abantwana ukuba bajoyine ekufundeni.** Ukuphindaphindwa kwezivakalisi okanye amabinzana kwezinye iincwadi zemifanekiso, kunika abantwana ithuba lokuba bazibandakanye ekubizweni kwaloo magama asebalini, nangaphambi kokuba bakwazi kwa-ukuwafunda.
- 6. Ukufunda ngentsingiselo yemifanekiso.** Xa ufundela abantwana iincwadi zemifanekiso, bafunda ukuba imifanekiso iyanceda ekubaliseni ibali kwaye inika nenkomba-ndlela yokuba athetha ntoni na loo magama. Ukuqonda oku kubalulekile ekufundeni ukufunda.
- 7. Ukufunda, uqonde imifanekiso.** Encwadini yemifanekiso, imizobo ibaluleke njengamagama. Ukufunda incwadi yemifanekiso kuthetha ukuphonononga ubugcisa obuqulethwe kuloo mifanekiso kananjalo. Oku kunika abantwana ithuba lokuziqhelisa ukutolika imifanekiso.
- 8. Ukuphuhlisa uvelwano.** Iincwadi zemifanekiso zanceda abantwana ukuba bafunde ukungena ezihlangwini zomnye umntu ukuze babubone ubomi ngendlela eyahlukileyo. Ukuphuhlisa ulwazi lokwenza oku kuthatha ixesha elide lokuqhelisa, kwaye iincwadi zemifanekiso zinika ithuba nendawo efanelekileyo yokuqalisa loo nkqubo inde.
- 9. Iindawo ezikhuselekileyo zokuphonononga.** Iincwadi zemifanekiso zisoloko zibuza imibuzo okanye ziphonononge izihloko eziyimingeni. Zinika abafundi bazo amathuba okufumana ezabo iimpendulo zemibuzo enzima, efana nalo uthi, "Yintoni uthando?" kunye nalo uthi, "Ingaba zikhona kusini na iimeko apho kulungileyo ukungathethi nyaniso?"
- 10. Imiyalezo emalunga nokufunda.** Kwihlabathi apho wonke ubani esoloko exakekile, ukuba umntu omdala uchiitha ixesha ekufundela incwadi yemifanekiso, ebantwaneni oko kudlulisa umyalezo wokuba ukufunda kubalulekile. Kwaye, naxa umntu omdala ekonwabela ukufundela, nawe ufunda ukuba ukufunda kuyonwabisa. Le miyalezo mibini ikhuthaza abantwana ukuba bafune ukufunda ukuzifundela ngokwabo.



Drive your imagination

Story Power.

Anywhere. Anytime. Anyone.  
Naphi na. Nanini na. Nabani na.



It starts with a story...

# Story stars

## A poet in the house!

**FUNda Leader, Mpho Mofokeng, was introduced to poetry at an early age by his primary school English teacher, and this triggered a love of poetry and art in him. Today, as a young man, Mpho is a theatrical performer, poet and a writer who continues to use poetry to express his thoughts and feelings. We chatted to Mpho about how his passion for words influences his life.**

### Tell us about your Facebook poetry group?

In 2012, I created a Facebook group called "Genesis Poetry" in remembrance of one of my close friends who also loved poetry. This "group" is now four years old and more like a movement. We host poetry shows in the Vaal area, which is where I come from.

### What is the role of stories and books in our lives?

Stories are maps and books are accounts of what has happened and what is to come. They are an expression of life.

### Why is reading so important?

It is an investment in yourself. When I am reading I get drawn into the book and then I travel anywhere and everywhere the book wants to take me. Reading creates a whole other life for me.

### Who read to you or told you stories as a child?

No one read to me, but my grandfather used to tell me stories in Sesotho.

### Do you read to your children? Why?

Yes, I do. I read to them in Sesotho and English. Reading to them is important because I want them to love reading from an early age.

### Every child should read ...


Every child should read a book that's a reflection of them.

### Do you prefer reading fiction or non-fiction?

I like both and I think children should experience both. Variety is important.

### The book that changed my world was ...

... *Things fall apart* by Chinua Achebe. That book made me fall in love with African literature!



Thulani Mbele

Mpho Mofokeng

# Iimbalasane zamabali

## Imbongi isekhaya!

**IFUNda Leader, uMpho Mofokeng, waziswa ngemibongo eselula ngutitshala wakhe wesiNgesi kwisikolo samabanga aphantsi, kwaze oku kwachukumisa kuye uthando lwemibongo nobugcisa. Kunamhlanje nje, uMpho njengumntu omtsha ngumdlali kwimidlalo yeqonga, uyimbongi kunye nombhali osaqhubeka nokusebenzisa imibongo ukuvakalisa iingcinga neemvakalelo zakhe. Sincokole noMpho malunga nendlela uthando lwakhe lwamagama olunempembelelo ngayo ebomini bakhe.**

### Khawusichazele ngeqela lakho leembongi elikuFacebook?

Ngowama-2012, ndaseka iqela leembongi kuFacebook ndalithiya igama elithi, "Genesis Poetry" njengesikhumbuzo somnye umhlobo wam endandimthanda kakhulu nowayethanda imibongo. Eli "qela" ngoku lineminyaka emine kwaye ingathi lingumbutho wenguqu. Sisindleka ngemisitho yemibongo kummandla waseVaal, apho ndiphuma khona.

### Yintoni indima yamabali kunye neencwadi ebomini bethu?

Amabali ziimephu zize iincwadi zona zibe yingxelo yokwenzekileyo kunye nokuza kwenzeka. Zivakalisa iziganeko zobomi.

### Yintoni ebangela ukuba ukufunda kubaluleke kakhulu?

Kuyindyebo yakho. Xa ndifunda ndiba yinxalenye yencwadi ndize ndihambe naphi na nakuyo yonke indawo incwadi endisa kuyo. Ukufunda kundidalela obunye nje ubomi obahlukileyo.

### Ngubani owayekufundela okanye ekubalisela amabali xa wawungumntwana?

Akukho mntu wayendifundela, kodwa utatomkhulu wam wayedla ngokundibalisa amabali ngeSesotho.

### Ingaba uyabafundela abantwana bakho? Kutheni?

Ewe, ndiyabafundela. Ndibafundela ngeSesotho nangesiNgesi. Ukubafundela kubalulekile kum kuba ndifuna bakuthande ukufunda beselula.

### Wonke umntwana kufuneka afunde ...

Wonke umntwana kufuneka afunde incwadi ebonisa ubuyena.

### Ingaba ukhetha ukufunda uncwadi olubuntsomi okanye olungeziganeko zokwenene?

Ndizithanda zombini ezi ntlobo kwaye ndicinga ukuba abantwana kufuneka bazifunde zombini ukuze bafumane amava azo zombini. Ingxubevange ibalulekile.

### Incwadi eyatshintsha ubomi bam ...

... ngu *Things Fall Apart* obhalwe nguChinua Achebe. Loo ncwadi yandenza ndaluthanda kakhulu uncwadi lwaseAfrika!

Find the poetry group, "Genesis Poetry", on Facebook.

Khangela iqela leembongi, "iGenesis Poetry" kuFacebook.



## NAL'IBALI ON RADIO!

Tune into the following radio stations to enjoy listening to stories on Nal'ibali's radio show!

**Ikwewezi FM** on Monday, Wednesday and Friday at 9.45 a.m.

**Lesedi FM** on Monday, Tuesday and Thursday at 9.45 a.m.

**Ligwalagwala FM** on Monday to Wednesday at 9.10 a.m.

**Munghana Lonene FM** on Monday, Wednesday and Friday at 9.35 a.m.

**Phalaphala FM** on Monday to Wednesday at 11.15 a.m.

**RSG** on Monday to Wednesday at 9.10 a.m.

**SAfm** on Monday, Wednesday and Friday at 1.50 p.m.

**Thobela FM** on Tuesday and Thursday at 2.50 p.m., on Saturday at 9.20 a.m. and on Sunday at 7.50 a.m.

**Ukhozi FM** on Wednesday at 9.20 a.m. and on Saturday at 8.50 a.m.

**Umhlobo Wenene FM** on Monday to Wednesday at 9.30 a.m.

**X-K FM** on Monday, Wednesday and Friday at 9.00 a.m.



## UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!

Ngena, umele ezi zikhululo zikanomathotholo zilandelayo ukuze wonwabele amabali kwinkqubo kaNal'ibali esasazwa kunomathotholo!

**KuIkwewezi FM** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.45 kusasa.

**KuLesedi FM** ngoMvulo, ngoLwesibini nangoLwesine ngo-9.45 kusasa.

**KuLigwalagwala FM** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.10 kusasa.

**KuMunghana Lonene FM** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.35 kusasa.

**KuPhalaphala FM** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-11.15 kusasa.

**KuRSG** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.10 kusasa.

**KuSAfm** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-1.50 emva kwemini.

**KuThobela FM** ngoLwesibini nangoLwesine ngo-2.50 emva kwemini, ngoMgqibelo ngo-9.20 kusasa nangeCawe ngo-7.50 kusasa.

**KuUkhozi FM** ngoLwesithathu ngo-9.20 kusasa nangoMgqibelo ngo-8.50 kusasa.

**KuUmhlobo Wenene FM** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.30 kusasa.

**KuX-K FM** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.00 kusasa.

# Celebrate reading and writing!

November offers us lots of opportunities to have fun with reading and writing. Choose one or more of the special days below and try out our activity suggestions at home, in your classroom or at your reading club.



# Bhiyozela ukufunda nokubhala!

Inyanga yeNkanga isinika amathuba amaninzi okonwabela ukufunda nokubhala. Khetha usuku olunye nangaphezulu kwezi ntsuku zikhethekileyo zilapha ngezantsi noyakuthi ngazo uzame iingcebiso zethu ngemisetiyenzana eninokuyenza ekhaya, eklasini yakho okanye kwiklabhu yakho yokufunda.

## November Picture Book Month

Celebrate Picture Book Month by choosing a picture book that none of you has read before. Read the title together. Then page through the book, and while looking at the pictures, tell your own story to go with them. Afterwards, read the story that the author wrote. How was the story you told similar and/or different to the one that the author wrote?

## EyeNkanga iNyanga yeeNcwadi zeMifanekiso

Bhiyozela iNyanga yeeNcwadi zeMifanekiso ngokukhetha incwadi yemifanekiso eningazange nayifunda ngaphambili. Fundani isihloko sayo kunye. Emva koko tyhilani amaphepha, nize lo gama nibuka imifanekiso, uqambe ze ubalise elakho ibali elingqinelana nemifanekiso leyo. Emva koko, funda ibali elo libhalwe ngumbhali. Lifana njani kwaye/okanye lohluke njani ibali olibalisileyo kwelo libhalwe ngumbhali?

## 13 November International Tongue Twister Day

With your children, write down some tongue twisters and then say them together over and over again, as quickly as you can. Here are some to get you going: She sells sea shells on the seashore. / Flash message, flash message. / A proper copper coffee pot. / I saw Esau sitting on a seesaw. Esau, he saw me. / Toy boat, toy boat. / Six thick thistle sticks. / Good blood, bad blood.

## 13 kweyeNkanga uSuku lweZizwe ngeZizwe loDlaliso-Magama

Wena nabantwana bakho, bhalani phantsi ezinye iintetho ezidlalisa ngamagama nize nizithethe niziphindaphinda, kamsinyane kangangoko ninakho. Nazi ezinye zokuninceda niqalise: Iqaqa liziqaqika kuqaqqa. / NgoMgqibelo ndandiqaqanjelwa ngumqolo. / Ndiqhel' ucheb' ixhegw' inkqayi. / Nants' imvul' isehlis' iShixini. / Ndachol' itik' eQonce. / ZazizezaseZazulwana. / Yaphum'inja yashiy' umsil' entla.

## 15 November I Love to Write Day

Write something that you've always wanted to! It can be about anything, and it doesn't have to be long. You could write a letter, an email, a Facebook post, a poem, an article on a topic you are passionate about, the first few paragraphs or pages of a story, or you could write to your local newspaper with a point you've always wanted to make but never found time for. Just get writing!

## 15 kweyeNkanga uSuku lokuThanda ukuBhala

Bhala into ekudala unqwenela ukuyibhala! Ingamalunga nayo nantoni na, kwaye akunyanzelekanga ukuba ibende. Ungabhala ileta, i-imeyili, uxhome umbhalo kuFacebook, umbongo, inqaku elingehloko osithanda kakhulu, imihlathi yokuqala embalwa okanye amaphepha embalwa okuqala ebali, okanye ungabhalela iphephandaba lasekuhlaleni malunga nombala ekudala unqwenela ukwabelana nabanye ngawo kodwa ungade ulifumane ixesha lokwenza oko. Bhala qha!

## 21 November World Hello Day

This year people from 180 countries around the world will celebrate World Hello Day for the 44th time! World Hello Day was started as a way of showing how important communication and understanding are for peace. Like others around the world, you can celebrate this day by taking the time to greet ten people throughout the day – and try to do this in their mother tongue, even if you have to ask them how to do this first!

## 21 kweyeNkanga uSuku lweHlabathi lokuBulisa

Kulo nyaka abantu abaphuma kumazwe ali-180 kwihlabathi jikelele baza kubhiyozela uSuku lweHlabathi lokuBulisa ilixa lama-44! USuku lweHlabathi lokuBulisa lwaqalwa njengendlela yokubonisa ukubaluleka konxibelelwano kunye nokuqondana kwiinjongo zokwakha uxolo. Njengabanye abantu kwihlabathi jikelele, ungalubhiyozela olu suku ngokubulisa abantu abalishumi ngolo suku – kwaye uzame nokukwenza oko ngolwimi lwabo lweenkobe, nokuba oko kuthetha ukuba uza kuqala ngokubabuzisa indlela ongakwenza ngayo oko!

## 25 November Buy Nothing Day

Use different coloured paper, coloured pencils or crayons, glue, fabric scraps and other waste materials that you already have to create your own short storybook. Then share the fun by showing and reading it to someone else.

## 25 kweyeNkanga uSuku lokuNgathengi Nto

Sebenzisa iphepha elinemibala eyohlukileyo, iipensile ezimibalabala okanye iikhrayoni, iglu, amatshana kunye nezinye izinto oziqokeleleyo ezilahliweyo nosele unazo ukwenza eyakho incwadi yamabali amafutshane. Emva koko yonwabela ukwabelana ngayo ngokubonisa kunye nokuyifundela omnye umntu.





## Get story active!

Here are some ideas for using the two cut-out-and-keep picture books, *Nicholas and the Wild Ones*, (pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12) and *That's better!* (pages 9 and 10) as well as the Story Corner story, *Why monkeys live in trees* (page 14). Choose the ideas that best suit your children's ages and interests.

### Nicholas and the Wild Ones

On his first day at school Nicholas is faced with a gang of bullies, but over time he is able to use his creativity to win their admiration and he also makes a surprising new friend. This picture book is a story about bullying, problem solving and friendship.



- ★ As you read the book together:
  - spend time looking closely at and commenting on the detail in the pictures.
  - discuss Nicholas's decision not to go back to school on page 8. For example, ask your children, "Do you think Nicholas's idea is a good one? How do you think you might have felt if you were him?"
  - ask your children what they think about the advice Nicholas's family members give him on pages 9 and 10.
  - ask your children what they think is going to happen after page 17, and then after you have read page 18, ask them if they thought Cindy was going to say that.
- ★ Once you have finished reading the story, ask your children:
  - what they think of the way Nicholas behaved in the story, which of the things that he did they would also have done and which things they might have done differently.
  - to share what they know about bullying and how to deal with it. Remind them that it is important to tell an adult they trust if they are ever bullied or if they feel that they want to bully others.
- ★ Suggest that your children write a letter to one of the characters in the story – and then let them write this character's reply to the letter.

### That's better!

This picture book explores how little Siphon finds comfort in familiar things and by being with those he loves whenever he feels sad, or lonely, or scared. This book celebrates the security that families and friends can give to young children.



- ★ As you read the book together with very young children point to and talk about the people in the pictures, where they are and what they are doing.
- ★ With older children, point out how Siphon has a special blanket with him that makes him feel safe and secure. Let them find the blanket in the pictures. Do they have an object that helps to comfort them? Or, did they have one when they were younger?

### Why monkeys live in trees

In this retelling of a traditional story, we find out why monkeys prefer to stay up in the trees.



- ★ Talk about the way in which Lion and Monkey behaved towards each other in the story. How could they have behaved differently? How might this have changed the story?
- ★ Invite your children to draw a picture of the part of the story where Monkey is watching the other animals walk past the body of the lion. Suggest that they draw speech bubbles or thought bubbles for Lion, Monkey and the other animals, and then either write words or draw pictures in the bubbles to show what the animals might be thinking or saying.
- ★ This is a good story for acting out! Let everyone play the part of a different character and enjoy recreating the story together.

## Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye zeengcebiso onokusebenzisa ngazo iincwadi ezimbini onokuzisika-ze-uzigcine, u-*UNicholas nabo baphatha kakubi abanye abantwana*, (okwiphepha le-5, ele-6, ele-7, ele-8 ele-11, nele-12) kunye no*Kungcono!* (okwiphepha le-9 kunye nele-10) kwakunye nebali le*Ndawo yamaBali*, u*Kutheni iinkawu zihlala emithini* (elikwiphepha le-15). Khetha ezona ngcingane zifanele ubudala nemidla yabantwana bakho.

### UNicholas nabo baphatha kakubi abanye abantwana

Ngosuku lwakhe lokuqala esikolweni uNicholas ugagana neqela labavuyeleli abaphatha abanye abafundi kakubi, kodwa ekuhambeni kwexesha wakwazi ukusebenzisa ubugcisa anabo ukuze bagqibele bemithanda kwaye wakha nobuhlobo obutsha obebungalindelekanga. Le ncwadi yemifanekiso libali elimalunga nokuvuyelela, ukusombulula iingxaki kunye nobuhlobo.

- ★ Lo gama nifunda incwadi kunye:
  - chithani ixesha nibuka ngocoselelo imifanekiso nisenza namagqabantshintshi ngeenkukacha ezisemifanekisweni.
  - xoxani ngesigqibo sikaNicholas sokungafuni ukubuyela esikolweni kwiphepha le-8. Umzekelo, buza abantwana bakho wenjenje, "Ingaba nicinga ukuba isigqibo esithathwe nguNicholas sesilungileyo? Ucinga ukuba ngowawuzive njani wena ukuba wawunguye?"
  - buza abantwana bakho ukuba bacinga ntoni na ngeengcebiso amalungu asapho lukaNicholas amnika zona kwiphepha le-9 nele-10.
  - buza abantwana bakho ukuba bacinga ukuba kuza kwenzeka ntoni emva kwephepha le-17, naxa sele nifunde iphepha le-18, babuze ukuba ingaba bebecinga ukuba uCindy ebeza kuthetha oko akuthethileyo kusini na.
- ★ Emva kokuba sele nilifundile ibali, buza abantwana bakho ukuba:
  - bacinga ntoni ngendlela uNicholas aziphethe ngayo ebalini, zeziphi kwizinto azenzileyo nabo ebebenokuzenza, izeziphi ebebenokuzenza ngokwahlukileyo.
  - bangabalisa kusini na ngabakwaziyo ngokuvuyelela kunye nendlela yokujongana nako. Bakhumbuze ukuba kubalulekile ukuxelela umntu omdala abamthembileyo ukuba kukho obavuyelelayo okanye xa beziva befuna bona ukuvuyelela abanye.
- ★ Cebisa abantwana bakho ukuba babhalele omnye wabalinganiswa abasebalini ileta, bandule ke ukubhala impendulo yomlinganiswa lowo xa ephendula loo leta.

### Kungcono!

Le ncwadi yemifanekiso ibonisa indlela uSiphon omncinane afumana ngayo intuthuzelo kwizinto azipheleleyo kunye nokuhlala nabo abathandayo nanini na xa eziva elusizi, okanye enesithukuthezi, okanye esoyika. Le ncwadi ibhiyozela ukhuseleko abantwana abancinane abalufumana kusapho nakubahlobo babo.

- ★ Lo gama ufunda incwadi nabantwana abancinane kakhulu yolatha abantu abasemifanekisweni uze uthethe ngabo, indawo abakuyo noko bakwenzayo.
- ★ Kubantwana abadala, bonisa ukuba uSiphon unengutyana yakhe ekhethekileyo nendlela emenza azive ekhuseleke ngayo. Bacele ukuba bakhangele ingubo leyo emifanekisweni. Ingaba bona banayo kusini na into ebanceda ukuze bazive bonwabile? Okanye, ingaba babenayo na into enjalo xa babengabantwana abancinane?

### Kutheni iinkawu zihlala emithini

Kweli bali lemveli libaliswa kwakhona, sifumanisa ukuba kutheni iinkawu zikhetha ukuhlala phezulu emithini.

- ★ Ncokolani ngendlela uNgonyama kunye noNkawu ebebephehene ngayo ebalini. Ngebabeziphethe ngayiphi indlela eyahlukileyo? Ingaba oko ngekwakulitshintshe njani ibali?
- ★ Mema abantwana bakho ukuba bazobe umfanekiso wendawo esebalini apho uNkawu abukele ezinye izilwanyana zidlula kumzimba wengonyama. Bacebise ukuba bazobe amaqamza eentetho okanye aweengcinga zikaNgonyama, ezikaNkawu nawezinye izilwanyana, baze ke babhale amagama okanye bazobe imifanekiso kuloo maqamza ukubonisa ukuba zicinga ntoni na okanye zithini na izilwanyana.
- ★ Eli libali elimnandi lokwenziwa umdlalo weqonga okanye ulingisa. Vumela umntwana ngamnye ukuba adlale indima yomlinganiswa owahlukileyo baze bonwabele ukwenza okanye ukuqamba eli bali kwakhona bebonke.

### Create TWO cut-out-and-keep books

#### That's better!

1. Tear off page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.

#### Nicholas and the Wild Ones

1. To make this book use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
2. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
3. Fold the sheets in half along the black dotted line.
4. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
5. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



### Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

#### Kungcono!


1. Krazula, ukhuphe iphepha le-9 lolu hlelo.
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
3. Lisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika ke ngoku ulandela imigcane yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.

#### UNicholas nabo baphatha kakubi abanye abantwana

1. Xa usenza le ncwadi sebenzisa iphepha le-5, ele-6, ele-7, ele-8, ele-11, nele-12.
2. Faka iphepha le-7 nele-8 ngaphakathi kwamanye amaphepha la.
3. Wasonge la maphepha phakathi kumgcana ongamachaphaza amnyama.
4. Wasonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
5. Sika ke ngoku ulandela imigcane yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.

Cindy Crocker drew a wobbly pink heart. The rest of the Wild Ones didn't know what to draw. Instead, they laughed at Cindy's pink wobbly heart.

UCindy Crocker uzobe intliziyo epinki egosogoso. Uninzi lwabo baphatha kakubi abanye aluzange lwazi ukuba luzobe ntoni na. Endaweni yoko, bahleka kakuhlu intliziyo kaCindy epinki negosogoso.




Shakira drew herself on a tightrope balancing on one foot!

UShakira uzizobe yena edlala umdlalwana wokuxhathisa ngonyawo olunye kwintambo eyomeleyo!



So in art class, when Miss Pinkerton asked them all to draw something, Nicholas drew a Wild Ones Munching Machine. Eklasini yezobugcisa, xa uMiss Pinkerton ebacela bonke ukuba bazobe okuthile, uNicholas wazoba uMatshini Otya iQela leNdlovini.



# Nicholas and the Wild Ones

## UNicholas nabo baphatha kakubi abanye abantwana



Niki Daly



We publish what we like

This is an adapted version of *Nicholas and the Wild Ones*, published by Jacana Media and available in bookstores and online from [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). This story is available in English, Afrikaans, isiXhosa and isiZulu. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

Funda ibali eliyintsusa elithi, *UNicholas nabo baphatha kakubi abanye abantwana*, elishicilelwe yi-Jacana Media nelifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi-on-line ku-[www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). Eli bali lifumaneka ngesiNgesi, nge-Afrikaans, ngesiXhosa nangesiZulu. I-Jacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile ze-Jacana yiya ku-[www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

© Jacana Media (South African rights only) Tel: 011 628 3200

FRANCES LINCOLN CHILDREN'S BOOKS

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela oko abantwana banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Ke ngoko kusuku olulandelayo, uNicholas waya esikolweni – igela leendlavini laisela imindile. UNicholas wababonisa ukuba akaboyiki waze wasonga amangqndi akhe NGOLU HLOBO! Oku kwenza eli gela leendlavini lagqitheka intini.



So the next day Nicholas went to school – and the Wild Ones were waiting for him. Nicholas showed them he was not afraid and put up his fists like SO! This made the Wild Ones fall about with laughter.



# Isiguquli seeNdlavini sikaNicholas

© Nicholas



When Nicholas came out of school, Mum was waiting.  
“How did you like it?” asked Mum.  
“Not one bit,” replied Nicholas.  
“Oh dear, why not?” asked Mum.  
“See those kids over there?” said Nicholas.  
“Yes,” said Mum.  
“Well, those are the Wild Ones,” said Nicholas.



all things nice  
ubuhle bodwa

comes out all sweet  
uphuma uthandeka

OUT NGAPHA-NDLE

“Cindy, dear,” said Miss Pinkerton, “come and sit next to Nicholas.”  
 “That’s a cool pink wobbly heart,” said Nicholas.  
 Miss Pinkerton was happy to see Cindy and Nicholas talking to each other at last.  
 “Cindy sitandwa sam,” utshilo uMiss Pinkerton, “yiza kuhlala ecaleni kukaNicholas.”  
 “Inde kakhulu intiziyoyakho epinki!” utshilo uNicholas.  
 UMiss Pinkerton wavya kakhulu akubona uCindy noNicholas bencokola kunye ekugqibeleni.

# Nicholas’s Wild One Convertor

© Nicholas



“Yes,” said Mum. “I’m sure you’ll come up with a plan. But you’ve got to go to school. Otherwise, how will you become a famous inventor?”  
 “Ewe,” utshilo uMama. “Ndiqinisekile uza kuzama icebo. Kodwa kufuneka uye esikolweni. Kungenjalo, uya kuba ngumyili odumileyo kanjani?”



“No, no,” said Gran. “Nicholas is an ‘ideas man’. He’ll think of a creative way to handle those Wild Ones.”  
 “Hayi-bo Taromkhulu, utshilo uMakhulu, ‘U’Nicholas ngumntu onezimvo ezizodwa. Uza kucinga ngendlela ephucukileyo yokujongana nezi ndlavini.”



Ngexa uNicholas ephuma esikolweni, uMama wakhe wayemlindile.

“Bekunjani esikolweni?” wabuza uMama.

“Bekukubi,” waphendula uNicholas.

“Owu mntan’am, kwenzeka ntoni?” wabuza uMama.

“Uyalibona ela qela labantwana lihleli phaya?”

wabuza uNicholas.

“Ewe,” waphendula uMama.

“Bebonke, bavuyelela abanye abantwana,” utshilo uNicholas.

“By putting up your fists like SO?” said Gramps.  
 “Ngokusongela amanqindi akho NGOLU HLOBO!” utshilo uTatomkhulu.



When Dad heard about the Wild Ones, he said, “You’ve got to show them that you’re not afraid!”  
 “How?” asked Nicholas.  
 Akuya ngeli qela leendlavini uTata uthi, “Kufuneka ubabonise ukuba awuboyiki.”  
 “Kanyani?” ubuzile uNicholas.



Going home, Nicholas told Mum all about the Wild Ones. “Charlie’s the wildest,” explained Nicholas. “He stands on top of the climbing frame and jumps on anyone who passes below him.”  
 “That’s dangerous,” said Mum.  
**“Lethal!”** said Nicholas. “But you know who’s really creepy?”  
 “Tell me,” said Mum.



Endleleni egodukayo, uNicholas waxelela uMama yonke into ngeli qela livuyelela abanye.  
 “UCharlie ngoyena uyindlavini enkulu,” wacacisa uNicholas. “Ugwencela eme phezulu, apho sidlalela khona aze aziwisele nakubani na odlula phantsi kwakhe.”  
 “Owu, kodwa oko kungabangela ingozi!” watsho uMama othukile.  
**“Ingozi enkulu nemb!”** utshilo uNicholas. “Uyazi ukuba ngomphi onemikhuba kakhulu?”  
 “Hayi, ndixelele,” watsho uMama.

Reggie gave him a savage wedge ...  
 NoReggie wamhlasesela ngempahla yakhe yangaphantsi ...



Uh-oh! At break, Charlie jumped on Nicholas ...  
 Ngexesha lekhethu, uCharlie watsibela uNicholas ...

Shakira could show Nicholas how to balance on one leg, like SO,

uShakira angabonisa uNicholas indlela yokuxhathisa ngomlenze omnye KANJE,



and Nicholas could show Shakira how to hold her fists like SO, just in case the Wild Ones ever turned wild again, which they hardly ever did ... except some days, when they simply HAD to be wild! And that gave Nicholas a new idea ...

waza uNicholas wabonisa uShakira indlela yokusonga amanqindi NGOLU HLOBO, ukuba kunokwenzeka amalungu eQela leeNdlavini avukwe likakade, noxa engazange ... ngaphandle nje kweentsuku ezithile, xa befuna NJE ukungaphulaphuli! Oko ke kwanika uNicholas ingcinga entsha ...






Kungcono!  
That's better!

“Ikroti lenkwenkwe elinje!” Usipho  
uziva exhabhile.


“What a brave boy!” Sipho feels worried.



Kungcono!  
That's better!

“Lixesha lokudlala.” Usipho  
uziva eneentloni.

“It's playtime.” Siphho feels shy.



We publish what we like

This is an adapted version of *That's better!* published by Jacana Media and available in bookstores and online from [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). This story is available in isiZulu, isiXhosa, English, Afrikaans, Setswana, Sesotho, Sepedi, Siswati, Xitsonga, Tshivenda and isiNdebele. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

Funda ibali eliyintsusa elithi, *Kungcono!* elishicilelwe yi-Jacana Media kwaye lifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi-online ku-[www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). Eli bali lifumaneka ngesiXhosa, ngesiZulu, ngesiNgesi, nge-Afrikaans, ngeSiswati, ngeSepedi, ngeSesotho, ngeSetswana, ngeXitsonga, ngeTshivenda nangesiNdebele. I-Jacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile ze-Jacana yiya ku-[www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

© Jacana Media (South African rights only) Tel: 011 628 3200




Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela oko abantwana banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)

That's better!  
Kungcono!



William Gumede  
Alzette Prins






Kungcono!  
That's better!

"See you later!" Siphho feels lonely.  
"Sakubonana kwakhona!" USiphho  
uziva ellilo.




"Where are you?" Siphho feels scared.

That's much better!



Kungcono kakhulu!



"Bye-bye, Siphho." Siphho feels sad.

"Sala kakuhle, Siphho." USiphho  
uziva elusizi.

That's better!

Kungcono!





Then Cindy Crocker cornered him in the toy shed and ...  
 Waza uCindy Crocker wamvalala ekoneni eyindawo yokugcina izinto zakhe zokudlala waze ...



Big-Mouth Jake ran away with his packet of Space Snacks ...  
 UMlomo-Mkhulu ongujake ubaleke kakhulu npacekethe yakhe yeTshipisi ...



So in art class he showed them how to make their own. And **that** meant that Charlie didn't jump on anyone, Reggie cut out the wedgies, Big-Mouth Jake didn't even think of treats, Cindy thought of giving Shakira a push, but didn't, and **this** meant ...

Ngoko ke kwiklasi yobugcisa, ubabonise indlela yokuzenzela oophephela babo. **Oko** kwakuthetha ukuba uCharlie akazukuphinda abenexesha lokutsibela kwabanye, uReggie wakucutha ukuxhaphaza abanye ngokubenyusela oosiyatya babo, uMlomo-omkhulu onguJake akazange aphinde acinge ngokutya kwabanye, uCindy wacinga ukutyhiliza uShakira, kodwa wazibamba, **oko** kwakuthetha ukuba ...




“Emva kwekhethu, usifundele incwadi emalunga namalungelo ethu. Kwaye AKUKHO NAMNYE UMNTU onelungelo lokusiphatha kakubi!” utshilo uNicholas.  
 “Yinyaniso emsulwa leyo!” uphendule watsho uMama.  
 “Ngoko ke ndisiyekile isikolo,” utshilo uNicholas.



“After break she read us a book about our rights. And **NOBODY** has the right to be horrid to us,” said Nicholas.  
 “Quite right,” said Mum.  
 “So, I won't be going to school any more,” said Nicholas.

“Wedgie Reggie,” said Nicholas. “He thinks it's very funny to yank kids up by their underpants. And you know what?”  
 “What?” asked Mum.  
 “My friend Stephen had to walk around with his underpants up his bottom.”  
 “That's not very funny,” said Mum.  
 “It's **mean**,” said Nicholas. “But Big-Mouth Jake's even worse.”  
 “Why?” asked Mum.



“NguWedgie Reggie,” utshilo uNicholas. “Ucinga ukuba kuyahlekisa ukutswebisa abanye abantwana ngeempahla zabo zangaphantsi. Uyakwazi okwenzekileyo?”  
 “Yintoni?” ubuzile uMama.  
 “Umhlobo wam uStephen bamhambahambise bemenyusele impahla yakhe yangaphantsi ukuze imtswebe.”

“Ayihlekisi kodwa nje loo nto,” utshilo uMama.  
 “Yinto **embi** kakhulu,” utshilo uNicholas. “Kodwa laa nto eMlomo-Mkhulu inguJake ibalasele.”  
 “Ngoba?” ubuzile uMama.

“Ngucindy Crocker: Yintombazana enkulu ngathi sisidakela somngquli. Undityhlizze ngexa ndibonisa uShakira imoto yam endizenzele yona enikwa amandla lilingile,” utshilo uNicholas.  
 “Kukuphatha kakubi okukhulu oko,” utshilo uMama. “Ingaba umxelele uMiss Pinkerton?”  
 “Ewe,” utshilo uNicholas. “Uyazi ukuba wenze ntoni?”  
 “Wenzeni?” ubuzile uMama.



“Cindy Crocker: She’s as big as a wrestler. She pushed me from behind while I was showing Shakira my poo-powered motor-car invention,” said Nicholas.  
 “That’s bullying,” said Mum. “Did you tell Miss Pinkerton?”  
 “Yes,” said Nicholas. “And you know what she did?”  
 “What?” asked Mum.

“At break, he snatched Shakira’s snack and stuffed it in his mouth. He didn’t even close his mouth. You could see the goo going round and round like cement in a cement mixer. But now I’m going to tell you about the SCARIEST, WILDEST ONE IN THE ENTIRE WORLD!”

“Who’s that?” asked Mum.

“Ngexesha lekhefu, uthathe isidlo sasemini sikaShakira wasilwantsha emlonyeni. Khangе awuvale nokuwuvala umlomo wakhe. Ugovane emlonyeni wakhe ububonakala ujikeleza njengesixubi sesamente. Kodwa ngoku ndiza kukuxelela ngeyona NDLAVINI, EYOYIKWAYO KWIHLABATHI LILONKE JIKELELE!”

“Ngubani lowo?” ubuzile uMama.



“... said, ‘Can I come and play at your house?’  
 “Sure,” said Nicholas.  
 After school, Mum was pleased to see that Nicholas had made a new friend.  
 ... wathi, ‘Ndingeza kudlala nawe kowenu?’  
 “Ngokuqinisekileyo,” utshilo uNicholas.  
 Ukuphuma kwesikolo, uMama wawuyiswa kakhulu kukubona uNicholas enomhlobo omtsha.

That afternoon they had a really fun time. Cindy showed Nicholas how to do a powerslam.

Ngaloo mvakwemini, bonwaba kakhulu. UCindy wabonisa uNicholas iindlela ezahlukileyo zokungqula ngokuphakamisa umntu umwise.




And Nicholas demonstrated his latest solar-powered helicopter design in flight.

When the rest of the Wild Ones heard about Nicholas’s cool helicopter design they all wanted one.

UNicholas yena wabonisa ngophephela wakhe omtsha osebenzisa amandla elanga.

Athi amalungu eqela leendlavini akuva ngophephela kaNicholas omhle, onke amfuna.



# The Nal'ibali bookshelf



# Ishelufa yeencwadi yakwaNal'ibali

To celebrate International Picture Book Month, here is some information about one of South Africa's most famous writers and illustrators of picture books – Niki Daly. (He is the author and illustrator of the cut-out-and-keep book in this edition, *Nicholas and the Wild Ones*.)

Niki was born in Cape Town and spent most of his life there before moving to the small Western Cape town of Kleinmond a few years ago. Although he writes in English, Niki Daly's books have been translated into many different languages and are enjoyed by children here and all over the world. He won an international award for the very first book he had published – and he has been winning awards ever since, within South Africa and in other countries too.



Niki Daly

Ukubhiyozela iNyanga yeZizwe ngeZizwe yeeNcwadi zeMifanekiso, nazi iinkcukacha ezithile ngomnye wababhali nabazobeli beencwadi zemifanekiso abaziwayo waseMzantsi Afrika – uNiki Daly. (Ungumbhali nomzobeli wencwadi onokuyisika-ze-uyigcine ekolu hlelo ethi, *UNicholas nabo baphatha kakubi abanye abantwana*.)

UNiki wazalelwa eKapa waze wahlala ixesha elide lobomi bakhe apho phambi kokuba afdukele kwidolophana encinane yaseNtshona Koloni eyiKleinmond kwiminyaka embalwa edlulileyo. Nangona ebhala ngesiNgesi, iincwadi ezininzi zikaNiki Daly ziguqulelwe kwiilwimi ezahlukileyo ezininzi kwaye zonwatyelwa ngabantwana apha eMzantsi Afrika nakwihlabathi jikelele. Waphumelela imbasa yezizwe ngezizwe ngencwadi yakhe yokuqala awayipapashayo – yaye ukususela ngoko usoloko ephumelela iimbasa, ezaseMzantsi Afrika kwanezakwamanye amazwe ngokunjalo.

Keep the picture books that you love the most. One day when you are an adult, you will open them up again, and how you felt as a child will come flooding back to you!  
Niki Daly

## Some books by Niki Daly

Lots of Niki Daly's books are available in a number of South African languages. Most libraries and bookshops have his books available. Here are some of his books.

## Ezinye zeencwadi ezibhalwe nguNiki Daly

Uninzi lweencwadi zikaNiki Daly ziyafumaneka ngeelwimi eziliqela zaseMzantsi Afrika. Amathala eencwadi amaninzi kunye neevenkile zeencwadi zinazo iincwadi zakhe. Nazi ezinye zeencwadi zakhe.



*Creepy Street*

*The Herd Boy / UMalusi*

*Not so fast, Songololo!*

*Pretty Salma / USalma Omhle Kunene*


*Where's Jamela? / Uphi uJamela?*

*Zanzibar Road / Indlela iZanzibar*

*Next stop – Zanzibar Road / Isikhululo esilandelayo – nguMgaqo weZanzibar*


*Thank you, Jackson / Enkosi, Jackson*

Ideas for stories can come to me in an instant, or they can spend years just written down as an idea in my "Book of Ideas".  
Niki Daly




Iingcinga ngamabali zingandifikela ngephanyazo, okanye zingahlala iminyaka zibhalwe phantsi kuphela njengengcinga "kwiNcwadi yeeNgcinga" yam.  
NguNiki Daly

Zigcine ezona ncwadi zemifanekiso uzithanda kakhulu. Ngenye imini xa umdala, uza kuzityhila, zize zibuye zonke iinkumbulo zakho ngobuntwana bakho!  
NguNiki Daly



## Are you a FUNda Leader?

Do you want to find ways to help children learn and become literate through fun and relaxed interactions with stories? Are you willing to be a reading role model? If so, sign up as a FUNda Leader at [nalibali.org/funda-leader](http://nalibali.org/funda-leader) and create a better life for our children. Join the movement now!



## Ingaba uyifUNda Leader?

Ingaba ufuna ukufumana iindlela zokunceda abantwana bafunde ukuze bakwazi ukufunda nokubhala ngendlela eyonwabisayo nephumzayo ngokunxibelelana ngamabali? Ingaba uzimisele ukuba ngumzekelo wokufunda? Ukuba kunjalo, sayinela ukuba yiFUNda Leader ku-[nalibali.org/funda-leader](http://nalibali.org/funda-leader) ukuze wakhele abantwana bethu ubomi obungcono. Zibandakanye nalo mbutho ngoku!

# Why monkeys live in trees

Retold by Nicky Webb ★ Illustrations by Richard Mackintosh

Lion was the king of the beasts. His loud roar made the leaves on the trees tremble. He spent his days hunting for food and sleeping in the sun. He was proud of his roar, and he was proud of his sharp teeth and claws, but he was most proud of his beautiful golden coat and mane.

One day as he drank from a pond, Lion noticed that his mane was looking rather patchy. "What's this?" he grumbled to himself. He turned around and noticed a patch of hair missing from his golden back. Lion was very unhappy. It would not do for a lion to have no hair and no mane. He ran off to see Dr Tortoise to find out what could be done to save his coat.

"Hmmm," said Dr Tortoise thoughtfully. "This is a terribly serious case of something, but I'm not sure what. Let me think ..."



"Oh no! This sounds very bad," gasped Lion, but it wouldn't do for a great big lion to cry. His knees were shaking. "Will ... will I live?" he gasped.

"Of course you'll live," laughed Dr Tortoise, "you've just got a serious case of fleas. You need to go and ask Monkey to pick the fleas off for you. Then you'll be right as rain."

"Fleas? Is that all?" said Lion looking relieved. He thanked Dr Tortoise and hurried off to find Monkey.

Monkey was up to mischief as usual. He was sitting in a tree throwing rotten ngwenya berries at a lazy warthog that was sleeping in the sun.

"Monkey!" roared Lion. Monkey jumped and almost fell out of his tree. "Monkey, please could you come and pick the fleas from my coat for me?" asked Lion.

"Yes, of course, Your Majesty," chattered Monkey dropping his last berry and hurrying down the tree.

Lion lay in the warm sun as Monkey combed and picked through his mane and fur. Monkey combed and picked. He stroked and groomed. The sun was warm and soon Lion fell fast asleep.

When Lion woke up he found that he couldn't move. He roared with anger when he discovered that Monkey had tied his tail to a tree. The more Lion pulled and wriggled, the tighter the knot in his tail became. A little bushbaby watched with saucer eyes from the tree as Lion struggled and pulled.

"I could help you, Lion," said Bushbaby sweetly, "but you would have to promise not to eat me."

Lion was tired out from his struggles. "Of course I won't eat you," he panted. His tummy was growling. Bushbaby looked nervous. "I promise I won't eat you!" said Lion.

So Bushbaby climbed down from the tree and started undoing the knot with his long delicate fingers. Finally Lion was free. He thanked Bushbaby and went on his way.


As he walked along, Lion thought about what Monkey had done to him and he felt very cross. He decided to teach Monkey a lesson. He told the other animals to wait five days and to then tell Monkey that Lion had died.

Five days later the animals went to Monkey and told him that, sadly, Lion had died. Warthog even pretended to cry. The animals told Monkey that they had decided to say goodbye to Lion by having a party. Monkey loved parties, and so he said, "I'll definitely be there!"

That afternoon Monkey watched the animals line up near the great body of the lion and then walk past him one by one, stroking his mane, kissing his head and saying goodbye. Monkey hopped from one leg to the other. He was hoping to say goodbye to Lion quickly so that he could get to the food at the party.

When he reached Lion's head, he leant over and chattered, "Goodbye you silly old cat. I tricked you properly."

Lion's eyes flicked open and he jumped up with a R-O-A-R! Monkey got such a fright that he fell over backwards.



Quickly Monkey scrambled to his feet and raced up the closest tree, where he sat chattering and shivering in fright. Lion roared again and shook his giant paw at Monkey, "You and all the other monkeys better not come down from the trees! If you do, I promise you that I'll eat you for supper!"

And to this day, monkeys spend all their time in the trees not daring to come down for fear of becoming Lion's next meal.

## Libaliswa kwakhona nguNicky Webb ✨ Imifanekiso izotywe nguRichard Mackintosh

UNgonyama wayengukumkani wezilo. Umgqumo wakhe owoyikekayo wawusenza amagqabi emithini angangcazele. Ixesha lakhe elininzi wayezingela ukutya aze agcakamele ilanga alale. Wayezidla ngaloo mgqumo wakhe woyikekayo, ezidla ngamazinyo akhe neenzipho ezibukhali, kodwa eyona nto wayezidla ngayo ukogqitha zonke ezinye yayiyingubo yakhe ebuboya obubugolide nesingci sakhe.

Ngenye imini esasela equleni, uNgonyama waqaphela ukuba isingci sakhe sikhangeleka sinamatshanda. “Kwenzeka ntoni ngoku?” wazibuza bubhavuma. Waguquka buzibhenca waze waqaphela ukuba kukho isihlwitha esixhwithekileyo kobo boya bakhe bubugolide busemqolo. UNgonyama wakhathazeka kakhulu koku. Ayikwazi kaloku ingonyama ukungabinabo uboya kunye nesingci. Wabaleka waya kubonana noGqirha Fudo ukuze afumanise ukuba angenza ntoni na ukukhusela uboya bakhe.

“Amhhh,” watsho uGqirha Fudo ekwezinzulu iingcinga. “Le yimeko embi kakhulu ebangelwa kokuthile, kodwa andiqinisekanga ukuba yintoni. Mandikhe ndicinge ...”



“Owu hayini! Oku kuvakala ngathi yimeko emandundu,” wakhefuzela efixiza uNgonyama, kodwa kwakungasayi kunceda ukukhala kwengonyama enkulu kangako. Amadolok akhe ayengevezela. “Ingaba ... ingaba ndiza kuphila?” wabuza ekhefuzela.

“Ngokuqinisekileyo uza kuphila,” wahleka uGqirha Fudo, “ingxaki kukuba uthe mome ziintakumba. Kufuneka uhambe uye kucela uNkawu akuphendle, achobe ezi ntakumba zakho. Emva koko uza kuba ngumqabaqaba.”

“Iintakumba? Yiloo nto nje kuphela?” wabuza uNgonyama kuthe qabu. Wabulela kuGqirha Fudo waze wakhawuleza ukuya kukhangela uNkawu.

UNkawu wayephezu kwentloni njengesiqhelo. Wayehleli emithini egibisela ngeengwenye ezibolileyo inxagu ezonqenelayo neyayigcakamele ilanga, ilele.

“Nkawu!” wagquma watsho uNgonyama. UNkawu wothuka phantse wawa nakuloo mthi wayekuwo. “Nkawu, ungandinceda uze kundiphendla, uchobe ezi ntakumba kobu boya bam?” wabuza uNgonyama.

“Ewe, Kumkani oHloniphekileyo,” washwantschwatha watsho uNkawu elahla loo ngwenye yakhe yokugqibela phantsi waze wehla emithini ngokukhawuleza.

UNgonyama wayecambalele kwelo langa lishushu kamnandi lo gama uNkawu aphenndla, echoba isingci kunye nesikhumba sakhe. UNkawu waqhubeka nokuphendla echoba. Wakama, evuthulula. Ilanga lalishushu kamnandi waze kwakamsinyane uNgonyama walala yoyi ubuthongo.

Ukuvuka kwakhe uNgonyama wafumanisa ukuba akakwazi ukushukuma. Wagquma ngumsindo akufumanisa ukuba uNkawu ubophelele umsila wakhe emithini. Ngokumane ezitsala ezixhuzula ngamandla ezibhijabhija,

iqhina elibophelele umsila wakhe lalisiya liqina ngokuqina. UMqha omncinane wayebukele ngalo mehlo akhe makhulu ngathi zisosi esemthini lo gama uNgonyama ezibhijabhija, ezitsalatsala.

“Ndingakunceda, Ngonyama,” watsho uMqha emsizela, “kodwa kwakufuneka undithembise ukuba awuzukunditya.”

UNgonyama wayediniwe yiloo mizamo yakhe. “Hayi soze ndikutye,” watsho sele ekhefuzela. Isisu sakhe sasinxola. UMqha wayekhangeleka esoyika. “Ndiyathembisa soze ndikutye!” watsho uNgonyama.

UMqha wehla emthini waze waqalisa ukukhulula elo qhina ngalo minwe yakhe mide nengcekengceke. Ekugqibeleni uNgonyama wakhululeka. Wabulela kuMqha waze wahamba indlela yakhe.


Esahamba njalo, uNgonyama wacinga ngesenzo sikaNkawu waze wanomsindo kakhulu. Wagqiba kwelokuba amfundise isifundo uNkawu. Waxelela ezinye izilwanyana ukuba zilinde iintsuku ezintlanu zize emva kwazo zixelele uNkawu ukuba uNgonyama ufile.

Emva kweentsuku ezintlanu izilwanyana zaya kuNkawu zamxelela ukuba ziluzisi ukuvakalisa ukuba uNgonyama ufile. UNxagu wazililisa. Izilwanyana zaxelela uNkawu ukuba zigqibe ukuba zibenethoko lokuthi ndlela-ntle kuNgonyama. UNkawu wayewathanda amatheko, ngoko ke wavumela phezulu esithi. “Ngokuqinisekileyo ndiza kuba lapho!”

Ngaloo mva kwemini wabukela izilwanyana zifole ecaleni komzimba omkhulu wengonyama, zimane zidlula kuyo nganye nganye, ziphulula isingci sayo, ziyiphuza entloko zisithi ndlela-ntle. UNkawu wangcileza emane esima ngalo umlenze aphinde ame ngaloo. Wayenethemba lokuthi ndlela-ntle kuNgonyama ngokukhawuleza ukuze adlulele ekutyeni kwethoko.

Xa efika kwintloko yeNgonyama, wathoba waze washwantschwatha esithi, “Hamba kakuhle siyathandini sekati endala. Ndikufumene, ndakuqhatha kakuhle.”

Amehlo kaNgonyama avuleka ngephanyazo waze waxhuma ngoM-G-Q-U-M-O! UNkawu woyika kakhulu kangangokuba waya kuwa ngomqolo, wagqoloda.



Ngokukhawuleza uNkawu waphakama wema ngeenyawo, wagqotsa ukuya kukhwela kowona mthi ukufutshane, apho wahlala khona eshwantschwatha, engangcazela kukoyika. UNgonyama wagquma kwakhona etyityimbisela uNkawu uthupha lwakhe olukhulu, “Wena kunye nazo zonke ezinye iinkawu ningaze nihle emithini kwakhona! Ukuba nihlile, ndiyathembisa ukuba nakuba sisidlo sam sangokuhlwa!”

Kude kube nanamhlanje oku, iinkawu zihlala emithini ixesha lazo lonke, zingenasibindi sokuzama ukwehla kuba zisoyika ukuba sisidlo sikaNgonyama esilandelayo.

# Nal'ibali fun

## Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



1.

In the story, *Nicholas and the Wild Ones*, Nicholas is a great inventor. What machine could you invent to make life better for yourself or someone else? Draw a picture of it and write about it here. Remember to include the name of your machine, as well as labels that show how your machine works!

Kwibali elithi, *UNicholas nabo baphatha kakubi abanye abantwana*, uNicholas ngumyili oligcisa. Ngowuphi umatshini onokuwuyila ukwenza bubengcono okanye bubelula ubomi bakho okanye obomnye umntu? Zoba umfanekiso wawo uze ubhale ngawo apha. Khumbula ukubhala igama lomatshini wakho, kwakunye neeleyibheli ezibonisa ukuba umatshini wakho usebenza njani!



-----

Send us a picture of your invention and we'll publish it in the Nal'ibali Supplement, or on the Nal'ibali Facebook page! Remember to include your name, surname and age. Send your picture to: [info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org) (put Nal'ibali Supplement Editor in the subject line), or Nal'ibali Supplement Editor, The Nal'ibali Trust, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wyecroft Road, Mowbray, 7700.


Sithumelele umfanekiso wento oyenzileyo ukuze siyipapashe kuHlelo lweNal'ibali, okanye kwikhasi likaFacebook likaNal'ibali! Ungalibali ukubhala igama lakho, ifani yakho kunye neminyaka yakho. Thumela umfanekiso wakho ku-[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org) (kungca wesihloko seimeyili bhala uMhleli woHlelo lweNal'ibali), okanye usebenzise idilesi ethi, Nal'ibali Supplement Editor, The Nal'ibali Trust, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wyecroft Road, Mowbray, 7700.



2.

Afrika also enjoys inventing and making things! Can you tell which little picture of him, is exactly the same as the big picture?

Uafrika naye uyakonwabela ukuqamba nokuyila okanye ukwenza izinto! Ungasixelela ukuba ngowuphi umfanekiso wakhe omncinane ofana nqwa nomfanekiso omkhulu?



Answer/Impendulo: c

Remember to get your copy of the next edition of the Nal'ibali Supplement in the week of 20 November 2016. It is our special holiday edition and the last one for 2016!

Visit us on Facebook:  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)  
 Sindwendwele kuFacebook:  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)

Khumbula ukufumana ikopi yakho yoHlelo lweNal'ibali olulandelayo kwiveki yomhla wama-20 kweyeNkanga kowama-2016. Lushicilelo lwethu olukhethekileyo lwekhefu lokuphela konyaka kwaye luhlelo lokugqibela kulo nyaka wama-2016!

Produced for Nal'ibali by the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translation by Nobuntu Stengile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

SundayWorld

Drive your imagination